

## Proverb 6: *Ingcuka Eyambhethe Ufele Lwegusha*

**Fezile:**

Yho nkosikazi wam kudala ndilikhumbula eli thuba lokuba khe sihlale sobabini kanje. Le nto yam yokungaphangeli indenza ndibe nesithukuthezi imini yonk'aph'endlwini (*Ephulula iinwele zenkosikazi yakhe engqengqe phezu kwakhe*)

**Feziwe:**

Ndasoloko ndimatasatasa emsebenzini.

**Fezile:**

Yhu ha a ha a ha a! Anqabil'amathub'anje okuba khe sihlale sobabini khe sonwabe.

**Feziwe:**

Kakhu u u lu! Kakhu u lu! Yhu!

**Fezile:**

Uyabona ngoku ndingalingena nezulu.

**Feziwe:**

Owu! Ndakugqibela nini ukuhlala nomyeni wam bethuna! Owu!

**Fezile:**

Hayi, hayi, ndlela le ndonwabe ngayo.

Yho! Sthandwa sam. A-a, a-a! Ayikho, a...

(*Ngesiquphe kukhala ifowuni, uyayiphendula uFeziwe.*)

Ingaske sisoloko sihleli sobabini khe sonwabe.

**Feziwe:**

Iyuu! Hello. O! Ewe mnumzana. Mh! mh! O!  
Okay! Sihamba nini? Ngoku? Namhlanje? O!  
Okay ke. Hayi kulungile. No! Akukho ngxaki.  
Okay.

**Feziwe:**

(*ebhekisa kumyeni wakhe*) Yhu sthandwa sam!

**Fezile:**

Yintoni ngoku?

**Feziwe:**

Yhu yhazi kuza kufuneka ndihambile.

**Fezile:**

Uyephi ngoku sthandwa sam?

**Feziwe:** Siyaphuma nomsebenzi. Mhlawumbi kuza kufuneka ndipakishile. Siphuma ngoku ngo-12.

**Fezile:** Yho!

**Feziwe:** Yhu! He e!

**Fezile:** Ngoku ndithi ndisaqala ukuthi ndonwabile nonkosikazi wam ngoku wena uyaphuma nomsebenzi.

**Feziwe:** O sthandwa sam man, awanqabanga amathuba man. Sawuphinda maan yhu.....

**Fezile:** Yho! Hayi, mandikuncede upakish'ezi mpahla zakho.!

Yho! hayi, kodwa! Soloko lo mfazi uyahamba!  
Hayi, hayi, hayi hayi, hayi, hayi!

( *Baye egumbini lokulala besiya kupakisha* )

**Feziwe:** Yhu hayi kodwa ndiza wushiya ezi (utsho ephakamisela phezulu iimpahla angafuni kuhamba nazo).

**Fezile:** Hayi kodwa ingakufanel le. Iright le.Ndiyasithanda kaloku esi skethi, nkosikazi. Siphathe uhambe naso kakuhle,

**Feziwe:** Mh, mhm. (*humming Ewe*)

**Fezile:** Ukwenzela xa ufika phaa

**Feziwe:** Ndiza ‘sinxiba nale.

**Fezile:** Unxibe kakuhle. Ewe nkosikazi wam, kufuneka ubonwe uright pha, umhle! Bangakuboni aba bantu ingathi uxwebile ingathi awuphangeli ngoku.

- Fezile:** Yho! Hayi ke!
- Feziwe:** Yho! Sobonana ke.
- Fezile:** Uhambe kakuhle sthandwa sam maan.
- Fezile:** Ndiza kulinda!
- Feziwe:** Yhu! Owu, umyeni wam bethuna! Owu, owu, owu!
- Fezile:** Ndiza kulinda, ndiza kulinda sthandwa sam. Yho!
- Feziwe:** Intliziyu yam ibuhlungu kodwa, koku man'uhamba nalomsebenzi. Hayi, nkosikazi!

## Part Two

**Fezile:** Yho! nalo mfazi umkile ngoku! Kusiyali kule ndlu. Ndihleli ndedwa.

*( Kuyankqonkqozwa )*

- Fezile:** Ngaphakathi! Ayi! Nx!! I wonder ngubani lowo?
- Macebo:** Awu mhlob'am!
- Fezile:** Tyhini! Tyhini, tyhin, mfondini!
- Macebo:** Kunjani, kunjani mhlob'am?
- Fezile:** Eyi! kuhle mfondini,kowu hayi hayi, hayi, hayi, hayi!
- Macebo:** Kowu! Ingathi unesithukethezi nje? Hey!
- Fezile:** Eyi, mfondini! Lo mfazi...

- Macebo:** Uzibukel'umabonakude!
- Fezile:** Lo mfaz'umkile maan.
- Macebo:** Oooowu! Andothukanga.
- Fezile:** Usaphume nalo msebenzi, ubhek' e-Durban.
- Macebo:** Ndabona kwangale nto yokuba utshate nomfazi ub'ungaphangeli, abe ephangela yena, ube wena ungaphangeli. Ndaqonda ukuba yho, akukho nto iza kulunga.
- Fezile:** Hayi kaloku. Siphangelelwa ngabafazi ngoku mfondini. Yintoni na? Awuyiqondi le nto.
- Macebo:** Mhlob'am ndayibona ukuba ayilunganga le nto mhlob'am.
- Fezile:** Hey! hayi! Khawutsho mfondini. Awu! Khawutsho mfondini.
- Macebo:** Mhlob'omkhulu ndilibonil'icebo mna, ingath'intle le nto.
- Fezile:** Yeyiphi ke ngoku?.
- Macebo:** Umfaz'akho akekho. Yha! Uhleli wedwa. Yha! sikhona thina singabahlobo.
- Fezile:** Tyhini!
- Macebo:** Kutheni singakhe sizikhuphe maa.  
Nang'amalwandle. Zininz'iindawo esinokuya kuzo  
khe sibon'abany'abantu.  
Andith'uth'umfaz'akekho?

**Fezile:** Ake e e e e ekho tshom'am! O o uthi siphole!  
Siphole mhlob'am.

**Macebo:** Uyaqonda?Uyaqond'ukub'umfazi wakh'upholile?

**Fezile :** Ndiyakuva ke!

**Fezile:** Masitsho siyile mhlob'am.Awu!Ndiza kumbona xa  
ebuyile umfazi.

**Macebo:** Masiye mhlob'am Yha ! Yha ! mhlob'am!

**Fezile:** Awu! Ewe! Yha ! Mhlob'am. Unqabile.

**Macebo:** Makhe ndibethe ngethontsi

**Fezile:** Ewe maan. Hay! hay!

(*UFezile noMacebo bafika elwandle*)

**Fezile:** Yho! Luhle olu lwandle lwalapha mfondini. Owu!  
Kwaphola apha! Ndiyabonba.....

**Macebo:** Siphola apha sani!

**Fezile:** Uyicinge kakuhle le nto tshom'am.

**Macebo:** Nabantwana ndibafuman'apha sani

**Fezile:** Ndiyabonba...Owu nabantwana ubathath'apha  
kolu lwandle?

**Macebo:** Hayi ndiyaphola! Ndiyaphola my layiti!

**Fezile:** Yho! Hay masiye, masiye, hey ,khe sbone nje  
nabantu. Masiye! Masiye! Uyabona? Khe  
sitshekishe neentsayza uyabona!

**Macebo:** Hayi sani ubon'abant'apha. Kwaye neendawo zoku....zikhona apha....( bathetha into engavakaliyo ) Unkosikazi umthembile? Ndingazange nditshate nje ndandisazi ukuba yho.....

**Fezile:** Ndimthembile.

**Macebo:** Uyabona? Yho! Yingxaki yakho ke wena leyo. Usengxakini enkulu! Naba abantu mf'ethu (utsho ekhomba amagqiyazana azonwabiswa elwandle). Eyi mhlob'am! Kukho abantu, uyabona?

**Fezile:** Hayi maan mhlob'am (kudlula amantombazana ezonwabiswa elwandle)

**Macebo:** Nants'indaba! Hey! Watshatela ntoni? Uyabona? Kukhw'abantu apha.

**Fezile:** Kodwa mfo wethu uthi ufun'abantu. Ngabantu na aba? Owam umfazi ndimthembile.

**Macebo:** Hayi mhlob'am, hayi, uyaphoswa zizintw'ezi.makhe siye phaya maan. Sesibabonile noko ngoku apha. Uyaphoswa.

**Fezile:** Makhe siye phaya emanzini. Ndicingba abantu sesibabonile noko. (utsho ekhomba indawo amabayi kuyo)

**Macebo:** Hayi masiye ntanga.

**Fezile:** Masiye! Masiye mhlob'am!

**Macebo:** Masiye khe ndijonge ukuba akukho nto ifumanekayo.

- Fezile:** Kufunek'utshate maan mhlob'am!
- Macebo:** Hayi andinasithukuthezi mna mhlob'am.  
Ndingazange nditshate nje ndandiyazi ukuba yho!
- Fezile:** hayi maan uyazi xa unernkosikazi uba yindoda  
eright.
- Macebo:** ha, ha ha a a!
- Fezile:** uyaphekewa, wenzelwa yonke into wonwabe. Yhu  
xa unonkosikazi akukhont'uyidingayo maan.  
Yonk'int'oyifunayo.....
- Macebo:** Uthi unenkosikazi kodwa uding'inkosikazi kodwa  
akakho aph'ecaleni kwakho ngoku. Umthembile lo  
mfazi.
- Fezile:** Ewe ndimthembile.
- Macebo:** Owu! Yingxaki yakho le, yingxaki yakho wena.  
Usengxakini enkulu wena.
- Fezile:** Hayi kaloku uphume nomsebenzi.
- Macebo:** Hayi mhlob'am!

(*Kudlula amantombazana ezhambela elwandle*)

- Macebo:** (*ekhomba umntu amfanisayo elwandle*)  
Mhlob'am! Mhlob'am! Khawuze! Laa jini!  
Mhlob'am andazi nokuba ndibona kakuhle na.

(*Babona uFeziwe egonene nendoda*)

**Fezile:** (*esothuka ebona umfazi wakhe*)

Tyhini! laa jini!!!

**Macebo:** Nank'umfazi wakho mhlob'am! Uth'uphume nomsebenzi kanti uze kuhlala nenyе indoda. Nank'umfazi wakho mhlob'am! Ndanditshilo! Ndanditshilo!

**Qhinga:** (*isithandwa sikaFeziwe siyothuka*)

Utshatile? Utshatile? Utshatile kanti? He e e e!

**Macebo:** Mhlob'am nank'umfazi wakho!

**Fezile:** (*ebhekisa emfazini*) Ngumsebenzi lo uze kuwo? Ngumsebenzi lo?

Ngumsebenzi lo? (*Utsho elila ethetha nangezandla ngumsindo*)

**Feziwe:** Kaloku ...kaloku....(*Uxakwe nakukuthetha ngumothuko. Uthetha into engavakaliyo*)

**Macebo:** Ndanditheni? Ndanditheni? Yhewha a! Yhewhaa! Ndanditshilo!

**Fezile:** (*Ubiza uQhinga*) Yiz'apha! Hey! Hey! (*uleqa uQhinga, uQhinga uyabaleka*) Yizaph'a kwedini.

**Feziwe:** Yhu u u u! Yho! Yho! Yho! (*uyakhala*).

( *UQhinga uyokutshona elwandle. Akakwazi nokudada. Wancedwa zii-life guards!* )

**Fezile:** Bendikhe ndayithetha ke le nto! Kanti ixesh' eli lonke, '*uyingcuka eyambethe ufele lwegusha*'? Yhu!